basic education

Department:
Basic Education
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

**NATIONAL**
**SENIOR CERTIFICATE**

# IBANGA 12

## ISIXHOSA ULWIMI LOKUQALA OLONGEZELELWEYO (FAL)

## IPHEPHA LESIBINI (P2)

## NOVEMBA 2022

## ISIKHOKELO SOKUMAKISHA

**AMANQAKU: 70**

**Esi sikhokelo sokumakisha sinamaphepha ali-17.**

## ISIKHOKELO SOKUMAKISHA

1. Umfundi akavumelekanga ukuphendula ngaphezu kombuzo omnye kwijenra enye.

2. Ukuba umfundi unike iimpendulo ezimbini apho le yokuqala ingamkelekanga, ize le yesibini ibe yeyamkelekileyo, makisha le yokuqala **ungayihoyi** le yesibini nokuba yiyo ayiphendule kakuhle.

3. Ukuba imibuzo inonjolwe ngendlela engeyiyo, makisha ngokwendlela ekunonjolwe ngayo kwimemo.

4. Ukuba impazamo yopelo inika ntsingiselo yimbi kule ibilindelwe, musa ukunika inqaku kuloo mpendulo. Ukuba ayiyichaphazeli intsingiselo, nika inqaku ngokufanelekileyo.

5. Ukuba umfundi akazisebenzisanga iimpawu zocaphulo apho ayalelwe ukuba acaphule, **makangohlwaywa**.

6. **Kwimibuzo evulelekileyo**, akukho manqaku anikwa uEWE/HAYI okanye u-NDIYANGQINELANA/ANDINGQINELANI. Isizathu/Ukuxhasa/Ukungqina yeyona nto mayinikwe ingqalelo.

7. Akukho manqaku aya kwabelwa uYINYANI/ASIYONYANI okanye LULUVO/YINYANI. Isizathu/Ukuxhasa/Ukungqina yeyona nto mayinikwe ingqalelo.

## ICANDELO A: INOVELI

## UMBUZO 1: *KUSA KUSIHLWA* – KS Bongela

## ISICATSHULWA A

1.1 1.1.1 Kungokuba kwakulungiselelwa ukuba athi uMpumelelo eqala emsebenzini abe esaziwa ngabantu baseLusikisiki√√/usapho lukaMpumelelo lwalufuna ukumngenisa kubantu baseLusikisiki awayeza kusebenza phantsi kwabo.√√ (2)

1.1.2 Sisifaniso.√ Sicacisa ukuba ufazana lwaluyiyizela ngendlela efana naxa kuyiyizelwa ngomtshato okanye ngogayi√/ sicacisa indlela ababelonwabele ngayo abantu eli theko. √ (2)

1.1.3 Kukwenziwa kwetheko lokuvuyisana nomntu ophumelele kwezemfundo√/bubukho bukamantyi√/bubukho boogqirha.√

[Nasiphi isibini kwezi.] (2)

1.1.4 Kwaphuma zonke iindidi zabantu ukuza kuzimasa itheko lokuvuyisana naye akuba ephumelele izifundo zobugqirha phesheya.√
Abantu belali babekho ngobuninzi ukuza kuncedisa kumsebenzi wetheko lakhe.√ (2)

1.1.5 Sesokuhlatywa komtshana kaNozililo.√√ (2)

1.1.6 Kunjalo, kuba ebencedisana noNozililo ukubanga ivenkile yakwaNtsibande√√/kuba uvumile akuthunywa nguNozililo ukuya kufuna iincwadi zevenkile kuThamsanqa.√√ (2)

1.1.7 Kukuba ootsotsi ababezama ukuyitshisa babethengwe nguNozililo.√√ (2)

1.1.8 (a) Lelokuba ivenkile yakwaNtsibande ililifa labo kuba yayiyekayisemncinci kaNtongana.√ (1)

(b) Sesokuba uyisemncinci kaNtongana wayeyithengisele uMosia ivenkile phambi kokuba abhubhe√√/sesokuba uLungile wayeyithenge ngokusemthethweni ivenkile kuMosia ngoko ke yayiyeyakwaNtsibande.√√

[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (2)

1.1.9 Kukunyaniseka√/kukuba nomqolo√/kukuthembeka√/ luthando lobuzali√/ bubuntu.√

[Nayiphi enye kwezi.] (1)

**KUNYE**

**ISICATSHULWA B**

1.2 1.2.1 Kungokuba sasinikezela ngeenkonzo ezintathu ezingafaniyo√/ isebe ngalinye lalinikezela ngenkonzo eyahlukileyo kwelinye.√ (1)

1.2.2 Eyokuba aba gqirha babeqeshwe ngokupheleleyo kwesi sibhedlele.√√ (2)

1.2.3 Ayengakwamkeli/ayekuchasile oko√ kuba eyesithi akanakuthumela abafazi bawo baze kuzaliswa ngamantombazana.√√ (3)

1.2.4 NguLungile√ noNomakhwezi.√ (2)

1.2.5 Kukuswelekelwa ngabazali bakhe bobabini ngexesha elinye.√ Wakha waphazamiseka ngokwasengqondweni.√ (2)

1.2.6 Wabetha uMpumelelo egxeni enyanzelisa ukuba uMpumelelo ayeke ukudanisa noLizzie.√√ (2)

1.2.7 Ngokuthi agcine umzi kaLungile naxa sele bengasekho noNomakhwezi√√/ngokuthi aqhubeke ngokukhulisa amashishini akwaLungile nangexesha sele bebhubhile uLungile noNomakhwezi√√/ngokuthi adlale indima yobuzali kuMpumelelo akubhujelwa ngabazali bakhe.√√ (2)

1.2.8 Yinoveli engemiba yentlalo√ kuba iveza amahla-ndinyuka ahlangene nawo uMpumelelo akuswelekelwa ngabazali bakhe bobabini, de waba uyaphumelela ebomini√√/kuba iveza ukubaluleka kokuxhasana kwezizalwana njengoko uThamsanqa noYolisa baye bawugcina umzi wakwaNtsibande sele bengasekho ooLungile√√/kuba idandalazisa ububi bokunyolukela ilifa njengoko uNozililo noNtongana bebhubhe ngenxa yokwenza mayelenqe okuzuza ilifa elingelolabo.√√

[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (3)
**[35]**

**UMBUZO 2: *UMQOL'UPHANDLE* – MAP Ngani**

**ISICATSHULWA C**

2.1 2.1.1 Kungokuba imbumbulu eyayifunyenwe entloko kuEddie yayiphume kolu hlobo lompu.√√ (2)

2.1.2 Sisifaniso.√ Sicacisa ukuba wayesokola kakhulu ukukhulula ithayala lemoto√/sicacisa ukuba kwakunzima kakhulu kuye ukukhulula ithayala lemoto.√ (2)

2.1.3 Bubukho bomcuphi ongumntu omnyama√/bubukho bamathayala eemoto√/bubukho bendlu enomnyango oneqhosha elichukunyiswayo xa ubani ecela ukuvulelwa.√

[Nasiphi isibini kwezi.] (2)

2.1.4 Kusemzini kaEddie Maga.√
Kukwindawo ekwakwehle kuyo ingozi.√ (2)

2.1.5 Sesokubamba uLinda Monti.√√ (2)

2.1.6 Kunjalo, kuba yaba nguye yedwa owayekho enkundleni yamatyala eze kunika inkxaso kuLinda√√/kuba uDuma wagqebha uHlobo ngentsimbi yokutshintsha amavili emoto kuba wayebona uLinda elila√√/ waya kuqonda emapoliseni malunga nokubanjwa kukaLinda Monti ze wazisa igqwetha likaLinda√√/ uxelele uHlobo ukuba ngosuku lokufunyanwa kompu kaLinda kwakufike amalungu ase*Moonglow* abuka imoto kaLinda ewodwa, ibhegi leyo kaLinda ilapho emotweni.√√ (2)

2.1.7 Kukuba lo mntu wayezenza uNkosikazi Hobe nguThembisa Ntlokonkulu√√/kukuba lo mntu wayesithi unguNkosikazi Hobe ungomnye wababulali bakaEddie noLulama.√√ (2)

2.1.8 (a) Yeyokuba intsangu ingenisa imali eninzi ngokukhawuleza.√ (1)

(b) Sesokuba ukuthengisa intsangu kwakukhabana neenjongo zokuseka umbutho i*Moonglow Night Club* ezokuba ibe yindawo yabantu yolonwabo nempilo√√/sesokuba injongo yokusekwa kwe*Moonglow Night Club* yayikukuba ibe yindawo yokuhlaziya iingqondo zabantu ngexesha labo lokuphumla√√/ sesokuba intsangu ngumbulalazwe.√√

[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (2)

2.1.9 Kukunyaniseka√/kukuthembeka√/bubugorha.√

[Nayiphi enye kwezi.] (1)

**KUNYE**

**ISICATSHULWA D**

2.2 2.2.1 Wayeye kubuza uJoe Bumba malunga nengxelo awayeyenze emapoliseni enxulumene nokufa kukaEddie noLulama√/wayeye kuphanda ngokufa kukaEddie noLulama.√ (1)

2.2.2 Eyokuba kwakusele kusondele ukuba uJoe Bumba avume ukuba lilungu lase*Moonglow Night Club*√√/wayesele eza kuvuma ukuba lilungu lase*Moonglow Night Club.*√√ (2)

2.2.3 Wayekhathazekile√ kuba kuthiwa wayesithi awundilisekanga.√√ (3)

2.2.4 NguLinda Monti√ noLulama Zuma.√ (2)

2.2.5 Yileta uLinda awayeyibhalele uEddie emkhulula ukuba ahambe nesinye isithandwa sakhe ukuya kumboniso bhanya-bhanya.√
Yidyasi yakhe (efana nem*ink coat)* ekwakungekaziwa mntu wumbi owayenayo ngaphandle kwakhe.√
Yivolovolo i-,38 automatic kaLinda esebenzisa uhlobo lweembumbulu ezifana naleyo yafunyanwa elukhakhayini lukaEddie.√
Luhlobo lwamavili azi-*Roadmasters* olusetyenziswa nguLinda olunomzila ofana nalowo wawubonakele kwindawo ekwakwenzeke kuyo ingozi eyabulala uEddie noLulama.√

[Nasiphi isibini kwezi.] (2)

2.2.6 Uxelele uHlobo ngokulahleka kompu kaLinda angazange awuxele emapoliseni√√/uxelele uHlobo ngokufika kwamalungu ase*Moonglow* awangena emotweni kaLinda ewodwa ngemini uHlobo awafumana ngayo umpu kaLinda.√√ (2)

2.2.7 Ngokuthi aziyele emapoliseni ayokunika ubungqina ngenenekazi elingaziwayo elabonakala ngobuya busuku bokufa kukaEddie noLulama√√/ngokuxelela uHlobo ngobuhlobo bakhe noEddie de aveze nomba we*tape recorder* ebeluncedo ekusombululeni isishiqi sokubulawa kukaEddie noLulama.√√ (2)

2.2.8 Yinoveli yophando√ kuba kukho umcuphi onguHlobo owenza uphando lokusombulula isishiqi sokubulawa kukaEddie Maga noLulama Zuma√√/kuba kuphandwa ngababulali bakaEddie Maga noLulama Zuma.√√

[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (3)
**[35]**

## UMBUZO 3: *UMONWABISI* – ZA Japhta

## ISICATSHULWA E

3.1 3.1.1 Zazisithi yinyoka yakhe athwele ngayo le yayibulele unyana wakhe.√√ (2)

3.1.2 Sisifaniso.√ Sicacisa ukuba wabaneengcwangu uThandabantu, wabakhohlakalela kakhulu abantu.√ (2)

3.1.3 Kukuba namashishini kukaRhadebe engumntu omnyama√/ kukubakho kwabantu abamnyama abanolwazi lokuphatha amashishini√/ kukuqeshwa kwabantu abantsundu kwangabanye abantsundu√/kuthethwa ngeziqiniseko zokubhatala√/ ubuqhophololo bokwenza iincwadi zomgunyathi√/kuthethwa ngemali.√

[Nasiphi isibini kwezi.] (2)

3.1.4 Wayesamkela nabani na ofike emzini wakhe engambuzi mvela phi amnike umsebenzi.√
Wayebatyisa abantu abasevenkileni yakhe ngexesha lokutya.√
Wayebagodusela imithwalo ngaphandle kwentlawulo abathengi bakhe.√
Wayesakhela amaxhego namaxhegokazi intente ewakhusela elangeni, engqeleni nasemvuleni.√
Wayephungisa amaxhego namaxhegokazi ngexa alinde ukufika kwemoto kaRhulumente yenkamnkam.√
Wakhulisa inkedama enguMonwabisi njengonyana wakhe.√
Wayebaphathisa abasebenzi bakhe xa begoduka ngexesha lekhefu.√
Waxhela kutyiwe ngumntu wonke.√
Wayebanika inkxaso abantu ababenomdla kwezoshishino.√
Wayebaxhelela abasebenzi bakhe.√
Wayebanceda abantu bendawo yakhe.√

[Nasiphi isibini kwezi.] (2)

3.1.5 Sesokubalekwa kwakhe ngabasebenzi.√√ (2)

3.1.6 Kunjalo, kuba umamTolo wayehlala emcebisa uThandabantu ngomsebenzi wakhe√√/kuba wahlala ecaleni kwakhe emnika inkxaso kumashishini akhe ngethuba engaphilanga uThandabantu√√/kuba babengumtya nethunga kwakufikelela kwezoshishino√√/ kuba xa ephumile ngezoshishino uThandabantu ibibangumamTolo osala ejonge amashishini akhe.√√ (2)

3.1.7 Yeyokuba impumelelo yakhe kwezoshishino yayibangwa kukusebenza kwakhe nzima kumashishini akhe√√/kukuba wayenobubele kubo bonke abathengi√√/kukuba kwezoshishino wayencedwa ngamava okusebenzisana nabantu awayewafumene ngethuba wayesebenza kwaNdabazabantu.√√ (2)

3.1.8 (a) Yeyokuba akukho mntu umnyama unokubanamashishini aphumelele ngokohlobo ayephumelele ngalo akaThandabantu√/yeyokuba uThandabantu uthwalele ubutyebi kungoko ayesanda amashishini akhe.√ (1)

(b) Sesokuba uThandabantu wayewasebenzela nzima amashishini akhe√√/ sesokuba yayizizinwe zakhe azenzela abathengi bakhe ezazisenza ukuba bamxhase kakhulu ze oko kukhulise amashishini akhe√√/sesokuba uThandabantu kwezoshishino wayencedwa ngamava awayenawo okusebenzisana nabantu awawafumana ngexesha wayesebenza kwaNdabazabantu.√√

[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (2)

3.1.9 Kukunyaniseka√/kukuthembeka√/kukukhuthala√/ kukuthobeka√/ kukuba nomonde√/ubukrelekrele kwezoshishino.√

[Nayiphi enye kwezi.] (1)

**KUNYE**

**ISICATSHULWA F**

3.2 3.2.1 Ayezokujonga ulwakhiwo nokhuseleko lwezakhiwo zikaThandabantu√/ ayeye kudenda izakhiwo zamashishini kaThandabantu ngelithi mazidilizwe zidala.√ (1)

3.2.2 Eyokuba uThandabantu wayexakiwe engazi ukuba makathini okanye enze ntoni.√√ (2)

3.2.3 Wayekhathazekile√/ kuba wayekholelwa ekubeni ukudilizwa kwawo kwakuthetha ukuba sisiphelo sakhe eso√√/ kuba yayiza kuba yinkcitho kuba kwa ezi zikhoyo zazingenzi ngeniso.√√ (3)

3.2.4 NguHlubikazi√ noNobuntu√ (2)

3.2.5 Kukuya ecaweni.√
Kukukhathalela amashishini akhe.√
Kukuthatha inxaxheba kumbutho woosomashishini.√
Kukuphuhlisa imidlalo kulutsha.√
Waphelelwa ngumdla wokulima amasimi wakhe.√
Waphelelwa ngumdla ebantwini.√

[Nasiphi isibini kwezi.] (2)

3.2.6 Ucebise ukuba izakhiwo zamashishini zichithwe, kwakhiwe ezitsha ze kuqeshiselwe abanye oosomashishini ngazo.√√ (2)

3.2.7 Ukubonakalise ngokuthi eze necebo lokuphuhlisa amashishini akwaSihlunu ebesele etshona, mashishini lawo ebeyindlela yalo yokuphila√√/ ngokuthi athabathe uxanduva lokulawula amashishini ngokunyaniseka xa wayesoyisakala uThandabantu√√/ngokuthi abuyisele iintombi zakwaSihlunu kokwazo ngolo hlobo luphinde lumanyane usapho√√/ ngokuthi ayisebenzise ngokunyaniseka imali awayeyinikwe nguThandabantu yokuvusa amashishini.√√

[Nayiphi enye kwezi.] (2)

3.2.8 Yinoveli engemiba yentlalo√ kuba ibonisa ukuba ubuntu obenzela omnye umntu bulithamsanqa kwakuwe kuba uThandabantu uncedwe yinkedama enguMonwabisi abayithatha bayikhulisa nomamTolo√√/ ukuba iinkolelo ezingokuthakatha zidala ubutshaba phakathi kwabantu kuba uThandabantu waphela engavani nabantu ngenxa yokumtyhola kwabo ngokuthwala ngenyoka.√√

[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (3)
**[35]**

**AMANQAKU ECANDELO A: 35**

## ICANDELO B: IDRAMA

## UMBUZO 4: *NDIYEKENI* – DM Jongilanga

## ISICATSHULWA G

4.1 4.1.1 Kukuba wayecinga indlela efihlakeleyo awayeza kumloba ngayo uMawonga√√/wayenexhala lokuba eza kudibana noMawonga.√√ (2)

4.1.2 Liqhalo.√ ucacisa ukuba uZanele aze angamngxameli uMawonga.√ (2)

4.1.3 Kukubonisa intshukumo eyenziwa ngumlinganiswa.√
Kukwazisa ixesha oqhubeka ngalo umboniso.√ (2)

4.1.4 Uquqe kwaMadala esithi uLoni makabonelwe icebo kuba uchitha isikolo.√
Ucebise ukuba kufakwe yena kwisikhundla sobunqununu.√ (2)

4.1.5 Sesokuthandana kwakhe noMawonga.√√ (2)

4.1.6 Kunjalo, kuba uThandiwe akamlahlelanga zandla uMawonga akuba elinxila koko umbizele usapho lwakhe ukuze lumthethise atshintshe√√/kuba akafunanga ukuya kumkhweletela kuZanele ngelithi hleze uMawonga emke umphelo aphelele kuZanele√√/ kuba uThandiwe uyamlungiselela uMawonga akufika endlwini nokuba unxilile de amhlawulele namatyala akhe otywala.√√ (2)

4.1.7 Yeyokuba lwaququzelelwa nguFuneka ngeenjongo zokumsondeza kuye ukuze uNdila afumane ithuba lokuziphindezela√√/ wayengazi ukuba injongo yalo kukumfaka emgibeni wokumphalaza.√√ (2)

4.1.8 (a) Sesokuba wamgxothisa emsebenzini.√ (1)

(b) Sesokuba uNdila wayesela emsebenzini kukho nobungqina boko obungamakhoba otywala kwikhabhathi yakhe ngoko ke uMawonga wayesenza umsebenzi wakhe wobunqununu ngokumbizela ikomiti√√/sesokuba uNdila nguye owazigxothisa emsebenzini ngokusela esikolweni nokuthuma abantwana besikolo utywala ngexesha lesikolo.√√

[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (2)

4.1.9 Kukunganyaniseki√/ kukunyolukela imali√/kukungathembeki.√

[Nayiphi enye kwezi.] (1)

**KUNYE**

**ISICATSHULWA H**

4.2 4.2.1 Baze kuthenga utywala basele.√ (1)

4.2.2 Eyokuba kwakunzima kakhulu kuMawonga ukuphakamisa iglasi iye kufika emlonyeni.√√ (2)

4.2.3 Wayenomsindo√ kuba wade wophula ifestile akunkqonkqoza angavulelwa.√√ (3)

4.2.4 NguFuneka Matiwane√ noZanele Nxusani.√ (2)

4.2.5 Ngumsebenzi wobunqununu eNobutho.√
Sisidima sakhe njengetitshala nenkokeli ekuhlaleni.√
Bubomi bakhe.√

[Nasiphi isibini kwezi.] (2)

4.2.6 Ngokuthi amxelele ukuba uMawonga nguyena umlungeleyo kuba njengokuba etshatile ukuqhelile ukubotshelelwa kwaye kuza kuba lula ukumlawula.√√ (2)

4.2.7 Ngokuthi amncedise kwimpindezelo yakhe ngokufaka uMawonga kumgibe wokunxila de abe uphelelwa ngumsebenzi.√√ (2)

4.2.8 Yidrama eyintlekele√ kuba iphela ngokufa kukaMawonga noNdila√√/ngokubanjwa kukaFuneka noZanele.√√

[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (3)
**[35]**

## UMBUZO 5: *INZALA YAMARHAMBA* – M Mlokothi

### ISICATSHULWA I

| | | | |
|---|---|---|---|
| 5.1 | 5.1.1 | Kukugxothwa kwakhe okwesibini nguThambolenyoka ekubeni ekhulelwe ngenxa yakhe√√/kukuba uThambolenyoka engafuni kubondla abantwana athi uDina ngabakaThambolenyoka.√√ | (2) |
| | 5.1.2 | Sisifaniso.√ Sicacisa ukuba uDina wayekhathazeke kakhulu√/ sicacisa ukuba wayenesingqala ngenxa yokulila nokukhathazeka.√ | (2) |
| | 5.1.3 | Kukubonisa intshukumo yomlinganiswa.√<br>Kukwazisa inkangeleko yomlinganiswa.√<br>Kukwazisa iimvakalelo zomlinganiswa. √<br><br>[Nasiphi isibini kwezi.] | (2) |
| | 5.1.4 | Kukuba wayebatyisa iziyobisi.√<br>Wayelala nabo.√<br>Wayebathengisisa imizimba kubatyeleli behotele yakhe.√<br><br>[Nasiphi isibini kwezi.] | (2) |
| | 5.1.5 | Sesokuvula kwakhe idokethi lesimangalo emangalela uThambolenyoka.√√ | (2) |
| | 5.1.6 | Kunjalo, kuba nguye owacebisa uDina ukuba angathatheli umthetho ezandleni zakhe xa wayeceba ukuhlaba uThambolenyoka ngencula√√/kuba nguZanoxolo owafunela uDina umsebenzi eKapa emva kokugxothwa kwakhe kwaThambolenyoka.√√ | (2) |
| | 5.1.7 | Yeyokuba babengagetyengwanga koko yayilicebo lamapolisa lokubenza babengamangqina enkundla.√√ | (2) |
| | 5.1.8 | (a) Ngokuthi atyise abantwana abangamantombazana iziyobisi ze abathengisise imizimba kubatyeleli behotele yakhe.√ | (1) |
| | | (b) Sesokuba ubulala ikamva labantwana abangamantombazana. √√<br><br>[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] | (2) |
| | 5.1.9 | Bubukhalipha√/kukubanomqolo√/kukuba nesibindi.√<br><br>[Nayiphi enye kwezi.] | (1) |

/

**KUNYE**

**ISICATSHULWA J**

5.2 5.2.1 Ukuba baleqe uDina ngemoto bakumfumana bambulale.√ (1)

5.2.2 Eyokuba banolwazi abanalo ngalo mntwana athetha ngaye uThambolenyoka√√/banolwazi ngalo mntu babizelwe yena nguThambolenyoka.√√ (2)

5.2.3 Wayenexhala√/wayesoyika√ kuba uyabhuduzela√√/kuba ubize ooSdokhwe ukuba baze kumnceda ngokumbulala√√/kuba uyabaxhesha ooMkhefa ukuba bakhawuleze ukumleqa bambulale.√√ (3)

5.2.4 NguNozici√/ nguNozigoci√/nguNomhase.√

[Nasiphi isibini kwezi.] (2)

5.2.5 Wamtyisa iziyobisi.√
Wayokumshiya eRoom 8 ngokomyalelo kaNyoka.√ (2)

5.2.6 Wathembisa ngokuba baza kumgcina phantsi kokhuselo lwabo ukuze asinde ekubulaweni nguThambolenyoka ukuba uyavuma ukuba lingqina lenkundla√√/wamxokisa ngelithi bonke abanye abasebenzi babulewe nguThambolenyoka ke makavume ukuba lingqina lenkundla ukuze bamkhusele asinde.√√ (2)

5.2.7 Ngokuthi abe ngoyena msebenzi utshatsheleyo ekulobeni amantombazana axhatshazwa nguThambolenyoka√√/ngokuthi athobele yonke imiyalelo ayinikwa nguThambolenyoka√√/ngokuthi axelele uThambolenyoka ukuba uKuku ugxuphuleka kwizinto ezingamfuniyo zakwaNyoka.√√ (2)

5.2.8 Yidrama eyintlekele-siyolisi√ kuba kuyo kuxhatshazwa abantwana abangamantombazana ngokwesondo, batyiswa iziyobisi, bathengisiswe nemizimba nto leyo imbi neyonakalisa ikamva labo kodwa iphela umenzi wobubi onguThambolenyoka egwetyiwe ngezenzo zakhe√√/kuba uThambolenyoka ubulala ikamva labantwana abangamantombazana kodwa iphela egwetywa ze ngolo hlobo abe uDina uphumelele ekuchitheni obo bukumkani bakhe.√√

[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (3)
**[35]**

**AMANQAKU ECANDELO B: 35**

## ICANDELO C: AMABALI AMAFUTSHANE

## UMBUZO 6: UMHLAHLO NGAMEHLO – LL Ngewu

## ISICATSHULWA K: 'UMHLAHLO NGAMEHLO' – LL Ngewu

6.1 6.1.1 Sesokudlwengula uNompoxeko.√√ (2)

6.1.2 Sisifaniso.√ Sicacisa ukuba kwakungekho nomncinci umahluko phakathi kwepensile eyayisetafileni kunye neyayisendlebeni yommeli.√ (2)

6.1.3 Kuthethwa ngokhuphiswano loonobuhle√/kukho ummeli nomtshutshisi√/ityala lixoxwa kwinkundla yesilungu√/kuvela unyaka we-1995√/ kuthethwa ngepensile.√

[Nasiphi isibini kwezi.] (2)

6.1.4 Yimpahla eyayifonyozwe yabekwa phezu kwetafile.√
Yipensile eyayiphezu kwetafile.√
Yingxelo kagqirha.√

[Nasiphi isibini kwezi.] (2)

6.1.5 Sesokubanjwa kwakhe ebanjelwa ukudlwengula uNonkanyezi.√√ (2)

6.1.6 Kunjalo, kuba wayekho eyokuxhasa uNompoxeko mhla kwakuxoxwa ityala lokudlwengulwa kukaNompoxeko nguZolani.√√ (2)

6.1.7 Kukuba yena noZolani babekhe bathandana.√√ (2)

6.1.8 (a) Yeyokuba kugxininiswe kubufutshane besinxibo sakhe ngendlela egxekayo.√ (1)

(b) Sesokuba inkundla impheke imophula ngesinxibo sakhe esifutshane endaweni yokuxoxa ngesenzo esibuhlungu sokudlwengulwa kwakhe nguZolani√√/ sesokunyhashwa kwelungelo lakhe ngokuba anyeliswe ngesinxibo sakhe.√√

[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (2)

6.1.9 Kukuba nomqolo√/kukuba ligorha√/kukuba likroti.√

[Nayiphi enye kwezi.] (1)

**KUNYE**

6.2 **ISICATSHULWA L: 'NGUMNTU ONJANI LO?' – LL Ngewu**

6.2.1 Ayeze kungcwaba uManduleli.√ (1)

6.2.2 Eyokuba le nkosikazi yohlukana kudala kakhulu noManduleli.√√ (2)

6.2.3 Wayekhathazekile√/wayebuhlungu√ kuba kwakumana kuvakala isikhalo sakhe yedwa phakathi kwabazili.√√ (3)

6.2.4 NguNdawana√ noMandaba.√ (2)

6.2.5 Kukuba uManduleli akukho nto wakha wayenzela mntu.√ Wayengahambi mngcwabo wamntu.√ (2)

6.2.6 Lafuna isiqinisekiso somtshato kumfazi otshate ngokusemthethweni noManduleli.√√ (2)

6.2.7 Ngokuthi anikezele ngesiqinisekiso somtshato ukuze uManduleli abe uyangcwatywa.√√ (2)

6.2.8 Libali elingemiba yentlalo√ kuba liveza ingxaki olwalujongene nayo usapho lukaManduleli akubhubha ngenxa yokuba ebengakhathalele bantu ngexesha lokuphila kwakhe√√/kuba liveza ukungaxabisi kwabantu umgcwabo kaManduleli ngenxa yokuba naye ebengasebenzisani nabantu ekuhlaleni.√√

[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (3)
**[35]**

**AMANQAKU ECANDELO C: 35**

**OKANYE**

## ICANDELO D: ISIHOBE

## UMBUZO 7: *IVAMNA BAFAZI BOLUSU* – S Maputi nabanye

7.1 **INDODA YOKWENENE – K N MANCIYA**

7.1.1 Le nt' indoda ngumhloniphi wesiqu sayo.√ (1)

7.1.2 Sisizwe sayo√/zizalamane zayo√/ngumfazi wayo.√

[Nasiphi isibini kwezi.] (2)

7.1.3 Kwi-okthevu kugxininiswa kwizenzo zendoda yokwenene√ kanti kwisesthethi kuvezwa iimpawu zendoda yokwenene.√ (2)

7.1.4 Eyokuba indoda yokwenene iyihlonipha ngokugqithisileyo inkosi yayo.√√ (2)

7.1.5 Yingcongolo.√ Sikweko.√ (2)

7.1.6 Ngoweliso√/ngowokubona.√ (1)
Ukuba indoda yokwenene ijongana neengxaki ezinzima kakhulu.√√ (2)

7.1.7 dd√ (1)

7.1.8 Ndingazinqwenela kuba indoda yokwenene yomelele kwaye ithobekile√√/kuba iyamelana neengxaki ejongene nazo√√/ ingumntu ogcine isidima sayo nosapho lwayo√√/ayithethi yonke into√√/iyakwazi ukuziphatha nokuzeyisa.√√

**OKANYE**

Andinakuzinqwenela kuba azikhankanywanga iingxaki ezihambelana nezi mpawu zixeliweyo zendoda yokwenene√√/ azikhankanywanga zonke iimpawu zendoda yokwenene√√/kuba uphawu lwendoda yokwenene lokuba ayikhali nokuba iva ubunzima alibonakalisi buntu ngokupheleleyo kuba intlungu yinto echaphazela wonke umntu.√√

[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (2)

7.1.9 Yonwabile.√ kuba ityhila imisebenzi nesimo esihle sendoda yokwenene√√/kuba incoma imisebenzi yendoda eyindoda yokwenene.√√ (3)

**KUNYE**

7.2 **MFAZINDINI WASE-AFRIKA – KN Manciya**

7.2.1 Ukuba baze kungqina umhlola obonwa yimbongi.√ (1)

7.2.2 'Thetha kaloku…'√√ (2)

7.2.3 Ukuba ingqondo yakhe ikule nto ayenzayo ngokupheleleyo, akaphazamiseki kuyo√√/ ingqondo yakhe yonke ithatyathwe ngulo msebenzi awenzayo.√√ (2)

7.2.4 Ngowomntu obhuca udaka ngezandla ngenjongo yokulucola.√√ (2)

7.2.5 Kukuthwala iipali ezinzima.√
Kukwenzela ooyisezala ibhekilana yomthayi.√ (2)

7.2.6 Kumntu oNtsundu√/kumntu oMnyama√/ kumntu oyindoda.√ (1)

7.2.7 Yindoda eluphethe kakubi usapho lwayo√/yindoda elubethayo usapho lwayo.√ (1)

7.2.8 Lolokuba akanakulinganiswa namntu umfazi wase-Afrika ngemizamo yakhe√, ngokwenza indoda ibenesidima√ nangokuyakhela usapho.√ (3)

7.2.9 Yithoni ecengayo√/ekhuthaza intsebenziswano√ kuba kusetyenziswe isigama, 'ngamana', 'kukuphathisana', 'kuhlonelwane'.√√ (3)

**AMANQAKU ECANDELO D: 35**
**AMANQAKU EWONKE: 70**